

Xa ulwaphulo-
mthetho norhwaphilizo
lukutyhafisa ...



bible society
of south africa

Musa ukutyhafa

Ukunganyaniseki norhwaphilizo asiyonto intsha. ITestamente Endala ibalisa kwiindawo ezininzi apho uThixo ethetha ngengqumbo yakhe ngokunganyaniseki norhwaphilizo kwangaxeshanye umbhali weZafobe (wemiZekeliso) ubakhalimela ngamandla abo bantliziyo zikhohlisayo neelwimi ezixokayo.

“Xa usebenzisa isilinganiso sukwenza buqhophololo mayela nobunzima nobungakanani. Izilinganiso zakho mazibe zezizizo ngalo lonke ixesha. Sisebenzise ngokunyaniseka isilinganiso, khon’ ukuze uhlale ithuba elide kwelo lizwe akunika lona uNdikhoyo uThixo wakho. Kaloku banezothe kuNdikhoyo abantu abanobuqhophololo.”

UHLAZIYO-MNQOPHISO 25:13-16

UNdikhoyo umthiyile umntu
osebenzisa isilinganiso esinegobe;
kambe ke uyamthanda lowo usebenzisa
isilinganiso esingenaxanasi.

Kodwa ke bona ubuqhokolo
buyawabhangisa amaqhophololo.

Ubutyebi bomntu abumsindisi
kwingqumbo kaThixo.

IZAFOBE 11:1,3b,4a

Ukunyaniseka kunenzuzo yentsikelelo kaThixo

UThixo ubabonisa imbeko yakhe abo banyanisekileyo. Wayalela abantu bakhe ukuba banyaniseke ukuze bazuze intsikelelo yakhe. KwiZafobe (kwimiZekeliso), ukunyaniseka kushishino kwayanyaniswa nobomi obunomvuzo.

Sisimo esisulungekileyo kuphela
esimhlangulayo umntu ekufeni.

IZAFOBE 11:4b

Xa bungenziwa ubulungisa

Xa ulwaphulo – mthetho lungasiwa so ngokukhawuleza, lusuke lwande, abantu baphelelwa yintlonipho yomthetho.

Xa isohlwayo setyala singaphunyezwa msinya abantu baqhubela phambili ukwenza ububi. Nakuba isikhohlakali singona nakalikhulu, siphile ixesha elide, noko ndiyazi ukuba izinto ziya kuhamba kakuhle kwabo bamoyikayo uThixo, abo bamhlonelayo. Phofu ke, ngenxa yokuba izikhohlakali zingamoyiki uThixo, izinto aziyi kuzilungela, nemihla yazo ingolulwa oku kwesithunzi.

Ewe, ikho into engamampunge eyenzekayo kweli hlabathi: maxa wambi amalungisa azuza isohlwayo sezikhohlakali, zize zona izikhohlakali zifumane indwe yamalungisa! Ndithi kwanaloo nto ngamampunge!

AMAVA ENGGONDI 8:11-14

Abakholwayo bayathemba:

Ngenene ubabeka emtyibilizini,
bawe batshabalale.

IINDUMISO 73:18

Vumela uThixo abe ngumgwebi wakho

Njengamakholwa asibizelwanga ukuba sivumelane nehlabathi koko sibizelwe ukubonisa ihlabathi indlela yokuphila.

Musani ke ukuthatha isimilo sabantu beli phakade, kodwa iingqondo zenu maziguquke zihlaziyeke, nize niyivume intando kaThixo, yona ilungileyo, ikholekileyo, igqibeleleyo.

KWABASEROMA 12:2

Mandiphethe ngelithi, mawethu, hlalani nicinga ngezinto eziyinyaniso nezindilekileyo nazo zonke izinto ezilungileyo nezinyulu, zonke ezithandekayo nezinesidima, nangezinto ezintle ngokupheleleyo kwanezincomekayo. Zenzeni zonke izinto enazivayo nezo nazibonela kum, amazwi kwanezenzo. Ke uThixo onika uxolo uya kuba nani.

KWABASEFILIPHI 4:8-9

***livesi zeziBhalo zithatyathwe
kwiBhayibhile yesiXhosa ka-1996.**



Ipapashwe yasasazwa liqumrhu
leBhayibhile laseMzantsi Afrika.

www.biblesociety.co.za



BibleSA.co.za

BibleSA

Bibles and audio Bibles are
available on the **BibleSA app**.